



ISIGABA ESIPHEZULU

EYENKANGA 2024

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

IMEMORANDAM

IPHEPHA 2

IYURE: 2

Umbuzo 1: Isicatshulwa (20)

Umbuzo 2: Itekisi ebonwayo (10)

Umbuzo 3: Isishwankathelo (10)

Umbuzo 4: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (20)

AMANQAKU EWONKE [60]

Eli phepha linamaphepha ayi-5

Umbuzo 1	Iimpendulo ezilindelekileyo	Amanqaku
1.	Licatshulwe kwiSolezwe.	1
2.	Libhalwe nguPedro Mapelo.	1
3.	Yenzeka eStade de France, eParis.	1
4.	Bekukhuphisana iqela lombhoxo laseMzantsi Afrika nelase New Zealand.	2
5.	Uthetha ukuthi uvale kuzo zonke iindawo ezingenza ukuba iNew Zealand igqobhozele kwiqela loMzantsi Afrika.	2
6.	Ndingathi ibingumdlalo onzima kuba iqela loMzantsi Afrika liphumelele nzima. Impendulo ixhomekeke kumfundi. Yamkela nayiphi impendulo ekholelekayo.	3
7.	(a) Emva kokwenza iimpazamo, amabhokobhoko athe chu ngokuyohlwaya iNew Zealand ngepenalthe aqatyeliswe onke nguHandre Pollard kwisigaba sokuqala somdlalo. Abadlali beNew Zealand baphose iipenalthe eziliqela baphantse benza ingxaki. (b) Kuyiwe ekhefini uMzantsi Afrika unkqenkqeza phambili ngamanqaku ali-12. Kuyiwe ekhefini iNew Zealand inamanqaku ama-6. Impendulo ixhomekeke kumfundi. Yamkela nayiphi impendulo ekholelekayo.	4
8.	Uvule	1
9.	Qho emva kokuba iNew Zealand yenze iimpazamo, Amabhokobhoko ebeyohlwaya ngepenalthe eqatyeliswe nguHandre Pollard kwisigaba sokuqala somdlalo. Belibakhona ithuba lokuba iNew Zealand izame koko uMzantsi Afrika ulale emgceni uvale mba.	3
10.	Ndifunde ukuba ukuzimisela kwinto oyenzayo kunomvuzo. Nayiphi na impendulo efanelekileyo ivumelekile	2
	Amanqaku	20
Umbuzo 2	Itekisi ebonwayo	
1.	Igrafu yoqikelelo lweepesenti zabafundi abadlala kwizikolo zoMzantsi Afrika.	1
2.	Ibhola yomnyazi Isoka Umbhoxo	2

	Iqakamba Umfundi angabhala noba yiyiphi emibini.	
3.	Isicatshulwa sombuza wokuqala besithetha ngomdlalo wombhoxo nale grafu ithetha ngomdlalo wombhoxo.	2
4.	Nayiphi na impendulo efanelekileyo Ewe ndinalo kuba ndidlala ibhola yomnyazi / isoka / umbhoxo / iqakamba. Ewe ndinalo kuba idlalwa yonke le midlalo yale grafu kwisikolo sam.	3
5.	Ngumdlalo webhola yomnyazi	1
6.	Ngumdlalo webhola yomnyazi	1
	Amanqaku	10
Umbuzo 3	Isishwankathelo	
	Eli gama lithi 'ukuduma' lithetha ukwaziwa ngabantu abaninzi kwiindawo zonke, ezikude nezikufutshane ngenxa yesizathu esithile.	
	Eli gama lithi 'udumo' lizalana kakhulu neli lithi 'umdumo' kuba kaloku xa into iduma, eso sandi isenzayo sifikelela nasezindlebeni zabakude.	
	Ukuba nodumo yinto enkulu kakhulu nelangazelelwa ngumntu wonke.	
	Lidabi elishushu kakhulu eli lokuzamana nodumo. Lidabi elintlantlumbini. Ngelinye ixesha liliwa ngumntu ngamnye esilwela ukuba azifumanele udumo yedwa. Kanti ke ngelinye ixesha liliwa liqela okanye amaqela abantu.	
	Ukugqwesa komntu okanye kweqela kwenza indawo yabo nayo ibalasele.	
	Kungatshiwo ke ngoko ukuthi umnqweno wabantu wokufumanela indawo yabo udumo, uzala intsebenziswano, ugxothe oozinkcuku, kuba olu dumo luba lubaso elibatsala kunye bonke.	
	Kule mihla abemi beendawo ngeendawo bade babile besoma bezama ukuba iindawo zabo zibe nodumo.	
	Ewonke ali 78 amagama / Izivakalisi ezichanekileyo ezisixhenxe Inani lamagama achanekileyo Ulwimi olusulungekileyo Ukulandelelana kwezimvo	7 1 1 1

	Amanqaku OKANYE	10
	UMHLATHI Intsingiselo yokuduma kukubalasele ngento ethile waziwe yintlaninge yabantu nakwiindawo zonke ezisondeleyo nezikude. Linxulumana kakhulu neli lomdumo kuba isandi esiphuma kwinto edumayo siviwa ngabantu abathe qelele. Yinto ebalulekileyo nenqwenelwa ngabantu ukuba nodumo. Nguwashiywa nowashiywa ukusebenzela udumo ingangumntu ezizamela iqela okanye amaqela ezizamela ukubalasele. Ukugqwesa komntu okanye kweqela kwenza indawo yabo nayo ibalasele. Ngokufutshane ulangazelelo lokufuna ubalasele lwenza abantu babe banye basebenzisane kwaye bathandane ababinalo ithuba lokubukulana Abahlali beendawo basebenza nzima befuna iindawo zabo zibalasele zaziwe kwiindawo ngeendawo.	
	Amanqaku	10
Umbuzo 4	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	
1.	Enkulu - Isiphawuli	2
2.	Umntu ngumntu ngabantu. Le nto umntu asinto izibangulayo. Umfundi angabhala naliphi na iqhalo elingomntu. Yamkela nayiphi na impendulo ekholelekayo.	2
3.	Umnqweno	1
4.	Abafundisi-ntsapho	1
5.	Umbhali uthi lidabi elishushu kakhulu eli lokuzamana nodumo.	2
6.	Sikhuphe wena kuba sikuthembe kakhulu.	2
7.	Abantwana: Aba-sisimaphambili -ana-isimamva sesinciphiso	2
8.	Abantu bakhangela udumo ngalo lonke ixesha. Intloko - abantu Isivisa - bakhangela Injongosenzi - udumo	3
9.	Udumo luza kubakhulisa abanye abantu.	2

10.	Nangona - isihlanganisi Eli - isimelabizo sokukhomba Ukusetyenziswa - isikhankanyi	3
	Amanqaku	20